URhulumente weNtshona Koloni
EzeMfundo

Isalathiso: 20200914-8060
Inombolo yefayili: 13/7/1/2
Imibuzo: NF Sobetwa-Magodla

ISetyhula: 0032/2020
Umhla wokuphelelwa: 30 Novemba 2020

Iya: KuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kumaSekela Balawuli, kwiiNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kwiiNtloko zoKunika iNkxaso kwiKharityhulam, kwiiNtloko zoLawulo noKuphathwa kwamaZiko, kwiiNtloko zoKunika iNkxaso kuBafundi, kuBaphathi beeSekethe, kuBaququzeleli boVavanyo neeMviwo, kuBacebisi ngeZifundo nakuBaphathi bamaziko emfundo abantu abadala

Isishwankathelo esifutshane: Le setyhula yazisa amaziko emfundo abantu abadala malunga nokufakelwa kwezilungiso zokugqibela kwithayimthebhili yoviwo lwe-Adult Education and Training (AET), Level 4 lwangoNovemba 2020.

Isihloko: Ukufakelwa kwezilungiso zokugqibela kwithayimthebhili yoviwo lwangoNovemba 2020 lwe-*Adult Education and Training (AET) Level* 4

1. Uviwo lwe-*General Education and Training Certificate* (*GETC*): AET L4 lwangoNovemba 2020 belucwangciselwe ukuqala nge-02 Novemba 2020 kwaye luphele nge-24 Novemba 2020 njengoko kuchaziwe kwiSetyhula 0007/2020, yomhla we-08 Februwari 2020.

2. Ngenxa kabhubhane we-*Covid*-19, kuphulukenwe nexesha elibalulekileyo lokufundisa nokufunda kwiikholeji zasekuhlaleni.

3. Ukubuyisa ixesha lokufundisa nokufunda ekuphulukenwe nalo, isebe loQeqesho neMfundo lasekuHlaleni (*Community Education and Training* (*CET branch*)) lenze isicwangciso esiyi-*Curriculum Recovery Plan*, kodwa iikholeji ze-*CET* ziphakamise imfuneko yokuhlaziywa kwethayimthebhili yoviwo ye-*GETC: L4* yangoNovemba 2020:

4. Iintsuku zethayimthebhili yoviwo lwe-*AET* L4 zifakelwe izilungiso njengoko zibonisiwe kwithayimthebhili eqhotyoshelweyo. Uviwo luya kuqala nge-09 Novemba 2020 kwaye luphele nge-01 Disemba 2020.

Lower Parliament Street, Cape Town, 8001
Tel.: +27 21 467 2891 Fax: +27 21 467 9370
Safe Schools: 0800 45 46 47

Private Bag X9114, Cape Town, 8000
Employment and salary enquiries: 0861 92 33 22
www.westerncape.gov.za

5. Ngexesha loviwo, makusoloko kulandelwa mbo iiprothokholi ze-*Covid*-19. Zona ziquka:
   a) ukuhlolwa;
   b) ukunxitywa kwemaski;
   c) umgaqo wokuqelelana nge-1 iimitha; kunye
   d) nokuhlanziswa ngezibulala-ntsholongwane.

6. Kucelwa wazise ngokuqulethwe yile setyhula kubo bonke abaviwa nabahlohli ukuze bakuthathele ingqalelo.

ISAYINWE: NGU-BK SCHREUDER
INTLOKO YESEBE LEMFUNDO
UMHLA: 2020-10-12